



**Imfihlo**  
Buhlebezwe Siwani

**University of Cape Town  
Michaelis School of Fine Art**



MFA Research Paper

**Student:**

Buhlebezwe Siwani

**Supervisors:**

Dr. Nomusa Makhubu

Prof. Berni Searle

**Field of Research:**

Performance Art

**Title:**

*Imfihlo*

**Official Declaration**

This work has not been previously submitted in whole, or in part, for the award of any degree. It is my own work. Each significant contribution and quotation from the work, or works, of others, has been attributed, cited and referenced.

**Signature:** \_\_\_\_\_ **Date:** \_\_\_\_\_

For Mawe who decided to teach Africa's children, I am learning.

Esi sisinikelo kumakhulu wam owayezimisele ukubona abantwana  
bama-Afrika bexhamla kwimfundo.

## Contents

<b>Acknowledgements</b> .....	10
<b>Abstract</b> .....	12
<b>Introduction</b> .....	14
<b>Chapter one</b>	
Secrecy's guarded tongue .....	24
Secrecy, depth and fluidity.....	26
Language.....	30
Spectatorship and performing the secret .....	34
<b>Chapter two</b>	
The transient body .....	46
Re-conceptualizing the body in performance.....	48
Violence and the performed body.....	56
Race, performance and ubuNgoma.....	62
<b>Chapter three</b>	
In the footsteps of history: regarding performance and the trace.....	70
Purity .....	74
Conclusion .....	84
Bibliography .....	139

## Isiqulathiso

<b>Amazwi Ombulelo</b> .....	11
<b>Okomoya okanye ingqondo</b> .....	13
<b>Isiqalo</b> .....	15
<b>Isahluko Sokuqala</b>	
Imfihlo ekhuselwa lulwimi.....	25
Imfihlo,Ubunzulu kunye Nobumanzi.....	27
Ulwimi.....	31
Ukubukela nokudlala imfihlo .....	35
<b>Isahluko Sesibini</b>	
Umzimba Wexeshana .....	47
Ukunika umzimba ingqiqo entsha kwezemidlalo yezenkcubeko .....	49
Ubundlobongela Nomzimba wondlalo.....	57
Uhlanga, Umdlalo nobuNgoma .....	63
<b>Isahluko Sesithathy</b>	
Ezinyaweni Zembali: Ezinokwenza nomdlalo kunye nomzila. ....	71
Ubunyulu .....	75
Umqokumbelo .....	85
Lincwadi .....	139

## Acknowledgements

“Appreciation is a wonderful thing. It makes what is excellent in others belong to us as well.” – Voltaire

I would like to first thank my supervisors Nomusa Makhubu and Berni Searle. Thank you for your time and patience, Nomusa, no one could have done what you have done, there is no thank you that could be enough. Berni, many edits and many reshoots later we finally got it right. Thank you to the both of you for giving my eyes depth, for your selflessness and holding my hand until the very end.

George Tebogo Mahashe, Raymond du Toit, Xolani Tulumani and Ashley Walters, I could not have done this without your support “those cameras” that were instrumental in capturing the perfect moment

To my friends who were always so giving, no questions asked, thank you, Zipho Dayile, Alexandra Karakashian, Francois Knoetze, Jessica Lejowa, Pedzisai Maedza, Khanyisile Mbongwa, Ncebekazi Mnukwana, Alexander Richards, Anna Stielau and Joanna Voysey. Many thanks is owed to my studiomate Zyma Amien.

A most heartfelt thanks to the Michaelis staff, Moeneeb Dalwai, Melvin Pather, Fazlin van der Schyff, Shannon Brand, Charles van Rooyen, Stanley Amon, Afiefah Rajap and Sharon Werthen. Thanks also to Carlos Marzia, Tony Meintjies, Michael Glover, Anton de Beer, Rare Thatching Systems and Designer Button.

It would not be fair to thank everyone and not include those who were there before I even thought of coming to Michaelis, Thembinkosi Goniwe, Frances Goodman and Penny Siopis.

Bonile Lurwayi – You are the river that I swim in when peace is required.

Without the funding from the NRF and UCT postgraduate funding my project would not have seen the light of day, for this support I am grateful.

Finally to my family, especially my grandmother and mother, iyabulela ilali, AboGogo naboMkhulu; AmaTshawe boTshiwo, bantwana bakwaHintsisa, onkomozi bomvu, ongagenwazemebe, watshangumlilo, bulushumpondo, Mdushane. Makwakwa, Xilatani. Mkhuma, Nxele, Xesibe. Mdim. Thokoza, Ndawu, Shewe, Camagu. Ngoba sihamba ngokukhanya nokuthula.

## Amazwi Ombulelo

“Imibulelo yinto ebaluleke kakhulu. Yenza intoyokuba into ephume emagqbinikwabamye ibeyeyethu nathi” -Voltaire

Ndicela ndiqala ndibambe ngazo zozibini kumqeqeshi wam uNomusa Makhubu noBerni Searle. Ndibulela kakhulu ngexesha lenu kunye nomonde. Nomusa akekho umphefumlo ongenzezele okwenzileyo. Ingangumnqa noenkosi onondenza ndixole ekubuleleni wena. Berni, kuxomozelela nasekudubuleni siphindaphinda side sachana icwete ngetolo. Ndiyabulela kuni nobabini ngokunika amaehlo ama ubunzulu ngokunikela lonke ulwazi ngokungazibambi, nangokuba isandla sam de sayofika entanjeni.

George Tebogo Mahashe, Raymond du Toit, Xolani Tulumani noAshley Walters, bendingasoze ndiyenze le nto ngaphandle kwenkxaso yenu. Ezocamera zenu bezithatha ezona zinto bezidingeka kwanobom.

Kwizihlobo zam ebezisoloko zivule izandla zinikele zingabuzanga, ndiyabulela Zipho Dayile, Alenxandra Karakashian, Francois Knoetze, Jessica Lejowa, Pedzisai Maedza, Khanyisile Mbongwa, Ncebakazi Mnukwana, Alexander Richards, Anna Stielau noJoanna Voysey. Ndonglala umbulelo omkhulu kwingalo ebendisebenza ngayo kwiziko lemboniso uZyma Amien.

Intliziyo yam ndiyivulakakhulu ndisithi ndiyabulela kwabantu bakwaMichealis; Moeneeb Dalwai, Melvin Pather, Fazlin van der Schyff, Shannon Brand, Charles van Rooyen, Stanely Amon noAfiefah Rajap; Carlos Marzia, Tony Meintjies, Michael Glover, Xolani Tulumani, Rare Thatching Systems neDesigner Button. Ndibulele noLwandwa Sindaphi ngomgugqulo walethisisi.

Akhonto inolunga xa ndinokulibala wonke umntu ndingambizanga uThembinkosi Goniwe, Frances Goodman noPenny Siops

Bonile Lurwayi, ungumlambo wam.

Ukuba khang ndifumane nkxaso ngezemali kwiNRF neUCT ngekuphandle kum. Ndiyabulela kakhulu

Okokugqibela ndibulela umakhulu wam, umama ondizalayo, utata ondizalayo, umakazi Vangile Makwakwa, iyabulela ilali. AboGogo nabomkhulu; AmaTshawe boTshiwo, naBantwana bakaHintsisa, Onkomozi bomvu, Ongangenwazemebe, watshangumlilo, Bulushumpondo, Mdushane. Makwakwa, Xilatani. Mkhuma, Nxele, Xesibe, Mbathane. Mdim. Thokoza, Ndawu, Camagu. Emazulwini naseMhlabeni.

## Abstract

The discourses of ritual, culture and ethics has, over the years, been a primarily ethnographic, philosophical and dramaturgical concern in which secrecy plays a central role. Secrecy seems central in setting boundaries. Using ritual and culture as the common thread, I question the boundaries that are transgressed by contemporary South African artists in 'showing' and 'telling' things that are otherwise considered as secret. I discuss the ways in which my own practice as an artist and *isangoma* troubles the threshold. Considering the ideological function of the secret, my work examines the power relations implied in both keeping and divulging 'secrets'. This research poses the question: how does the performance or re-enactment of the secret elements of cultural and traditional practice in live, performance and installation art complicate cultural ethics? Through a discussion of my work, *Imfihlo*, as well as works by artists such as Nicholas Hlobo, Pieter Hugo, Churchill Madikida, Nelisiwe Xaba and Mocke J van Veuren, I relate the role of secrecy in ideological structures with the trace. This concept exists throughout my research, whether it be in: forgotten histories; rituals and people (what the artist leaves behind); tracing space, or; by exploring the trace as an existential body, a trace of someone who once was, who exists in another realm, and many traces in one body.

## Okomoya okanye ingqondo

Intetha yokwenza izithethe, amasiko yeyona nto engundoqo kwindlela yokuphila. Ukusebenzisa isithethe nenkcubeko njengerhali, ndixoxa indlela endisebenza ngayo njengomntu oqhuba umsebenzi wezenkcubeko. Ndiphinde kwalapha ndibuzisise umda okuphelwa kuwo ngabadlali bezenkcubeko kwelishesha siphila kuyo xa besenza naxa bebonisa izinto ezijongwa njenge mfihlelo. Ndingayichasanga umthetho wezemfihlelo owam umsebenzi ujongana namandla phakathi kukugcina izinto zifihlakele nakukuzibonisa. Le ngxoxo ijonga into yokuba imfihlelo zenkcubeko umdlalo weqonga okanye indlela okwenziwa ngayo izinto uziphazamisa kanjani indlela okwenziwa ngayo izithethe? Kule ngxongxo yomsebenzi wam ogama linguMfihlo nakweminye imisebenzi eyenziwa ngabanye abajongene nezenkcubeko abafana noNicholas Hlobo, Pieter Hugo, Churchill Madikida, Nelisiwe Xaba noMocke J van Veuren ndidibanisa inxhaxheba yemfihlelo. Ezingcinga zikhona kuyo yonke ingxoxo elapha. Ingakulibaleka kwembali, isithethe okanye abantu (izinto ezishiywe emva ngumntu ojongene nezenkcubeko); ukulandela umzila okanye ukufumanisa lomzila njengomzimba ophilayo, umzila womntu owakhe waphila, ngoku uphila kwelinye ilizwe.

## Introduction

*Andihambi ndedwa ndikatshwa ngoMakhulu bam, nezinyanya zam, nogogo bam. Akhonto uzayiyenza, awunamandla wena, ngeke uyimele lento oyiyenzayo. Sondela apha mhlobo wam, ndikuxoxele indaba ngogogo bethu, abeNguni, kuthwa kudala, kudala, umhlaba usayimvelo, bebepha phezulu, phayaphesheya besale ngoTanganyika, ndithi wwoyi, ndizalwa ngabe Nguni, andihambe ndedwa, ndizalwa ngabeNguni, wena uzalwa ngabantu.*

*-Thandiswa Mazwai (2009), AbeNguni*

Loosely translated<sup>1</sup>, this song asserts: I do not walk alone; I walk with my grandmothers, my ancestors and my elders. There is nothing that you can do, you are powerless, you are not strong enough for what it is you want to do. Come closer relative, let me tell you a story, a story about our people, the *Nguni*, in ancient times, long ago, at the very beginning of time, they were up there, over the rivers, close to the Tanganyika, I am birthed by the *Nguni*, you are birthed by people.

In my practice as an artist and as *isangoma*, I am invariably faced with the fluidity, multiplicity and malleability of the self. The song, *AbeNguni* by Thandiswa Mazwai, evokes this multiplicity in that the self is constituted of others who, even in their absence, have strong presence. The key principle in both practices, therefore, lies in negotiating what is visible and invisible. Working through performance and installation art, I examine the interplay between what can and cannot be said and seen. In this text I therefore move between observer and subject. In this way, the trace becomes a key theoretical concern. In the song, the trace is ethereal and relates to multiple presences within one's body. For the purposes of this research, I draw from Jacques Derrida (1974) for whom the trace, as evidence, has a "testamentary structure" and Rosalind Krauss (1977) who observes that the trace is ephemeral.

My exhibition titled *Imfihlo* comprises performances and installations that refer directly to individual and shared experiences. In this body of work, I interrogate my spiritual journey. This journey involves rites of passage, and rituals centered on culture and tradition in relation to being located in an urban context. This positioning shuns the simplistic definitions of 'urban' and 'rural' as particularly biased in relation to both race and class. This project, therefore, considers not only the complexities related to the body as medium or as a vessel but also the complexities and contradictions embedded in bodily experience of place.

## Isiqalo

*Andihambi ndedwa ndikatshwa ngomakhulu bam, nezinyanya zam, nogogo bam. Akhonto uzayiyenza, awunamandla wena, ngeke uyimele lento oyiyenzayo. Sondela apha mhlobo wam, ndikuxoxele indaba ngogogo bethu, abeNguni, kuthwa kudala, kudala, umhlaba usayimvelo, bebepha phezulu, phayaphesheya besale ngoTanganyika, ndithi wwoyi, ndizalwa ngabe Nguni, andihambe ndedwa, ndizalwa ngabeNguni, wena uzalwa ngabantu.*

*-Thandiswa Mazwai (2009).*

Ngokwenguqulelo elula le ngoma ithetha into yokuba andihambi ndedwa; ndihamba namaxhegwazana am, izinyanya zam nabantu abadala. Akukhontounokuyenza. Awunamandla, awomelelanga ngokwaneleyo kule nto ufuna ukuyenza. Sondela silamane ndikuxelele ibali, I bali ngabantu bethu. AbeNguni, kwixesha lakudala, mandulo, ekuqalekeni kwexesha, babepha, phezukwemilambo, ecaleni kweTanganyika, ndizalwa nguNguni, uzalwa ngabantu.

Ekwenzeni umsebenzi wam njengomntu ojongene nezenkcubeko nanjengeSangoma kusoloko ndijongene nokuyekelela nokuphindwaphindwa bobumna. Le ngoma, AbeNguni iculwa nguThandiswa kaMazwai ivusa olu phindaphindo kum olusekelwe ngabanye abangabonakaliyo ngelenyama, bavakale bekhona. Esona sitshixo ekwenzeni ezi zinto kukuthethathethana phakathi kwezinto ezibonakalayo nakwezingabonakaliyo. Ekwenzeni imidlalo yeqonga nemboniso lwezenkcubeko ndiqwalasela indibano phakathi kwezinto ezinokuthethwa nezibonakalayo kunye nezingabonakaliyo. Ngale ndlela lo mzila ubangoyena ndoqo. Kwi ngoma lo mzila udibana nawo ngokomoya apho abantu baphila ngaphakathi emzimbeni. Oyena nobangela wale ngxongxo, ndifumanisa kuJaques Derrida (1974) into yokuba lo mzila unobungqina obusekelweyo. uRosalind Krauss (1977) yena uwubona lo mzila njengento engehlali xesha elide.

Umzimba womsebenzi obizwa *Imfihlo* uqulathe umdlalo waseqongeni nemboniso ezinxumelanise nesiqu kunye namava. Kulo mzimba womsebenzi ndigrumba uhambo lwam lwakamoya nendlela endichaza ngayo ngomzimba engenguwo owam. Olu hambo ludibene nendawo ekunyanzeleke ndigqithe kuzo, izithethe eziyintsika kwisiko nakwindawo eziphucukileyo. Le nto ayijonganga impixano edibene nomzimba qha, kodwa nakwezinye izinto ezinokwenza nakwindawo endikuyo.

I have been reluctant to align the term *isangoma*, a spiritual medium, with myself, both in the academic environment and to describe my identity in relation to other people. *Ubungoma*, the blanket term for the spiritual affiliation, is often misconstrued, exoticised or othered. People misunderstand what is otherwise a medicinal practice for witchcraft, or a magical practice. *izangoma*<sup>2</sup> are often ostracized in urban settings and by family members. *isangoma* uses divination to connect with their ancestors in order to provide answers to spiritual ailments. *Ubungoma* is a malleable word that can also mean a song or a drum, which are both used to induce trance states and to awaken the ancestors within the body of *isangoma* as though s/he is a vessel.

Through performance, I consider the re-positioning of specific rituals and their generated meaning(s) within a contemporary South African context. This research engages with the double bind of engaging the ethics of performing rituals whilst maintaining the secretive nature of the ritual and/or rite of passage. I consider American art critic and historian, Hal Foster's (1996) leftist notion of the "artist as ethnographer" in which "the object of contestation remains, at least in part, the bourgeois institution of autonomous art, its exclusionary definitions of art, audience, identity." Through this framework, the body is a site of transformation. Hal Foster (1996) points out that with the ethnographic turn, the "subject of association" changed to "the cultural and/or ethnic other in whose name the artist often struggles". I am also mindful of the assumptions pointed out by Foster (1996:302):

And yet, despite this shift, basic assumptions with the old productivist model persist in the new quasi-anthropological paradigm. First, there is the assumption that the site of artistic transformation is the site of political transformation, and, more, that this site is always located *elsewhere*, in the field of the other: in the productivist model, with the social other, the exploited proletariat; in the quasi-anthropological model, with the cultural other, the oppressed postcolonial, subaltern, or subcultural. Second, there is the assumption that this other is always *outside*, and, more, that this alterity is the primary point of subversion of dominant culture. Third, there is the assumption that if the invoked artist is *not* perceived as socially and/or culturally other, he or she has but *limited* access to this

2 *Izangoma* is the plural form of *isangoma*. *Isangoma* has no gender, the word is used to describe one of any gender.i

Bendala ukudibanisa le nto yokuba sisangoma nobumna, kwamazwe omabini, kwezemfundo naxa ndizichaza ubumna kwabanye abantu. isangoma sisebenzisa ubunyulu bomoya ekunxumelaneni nezinyanya ukuze sifumane iimpindulo kwizinto ezidibene nomoya. Eli gama lithi sangoma lisuka kwigama elithi Ubungoma. Ubungoma ligama elithetha ingoma okanye igubu. Ngokufana la magama omabini, ingoma negubu zikuthumela emoyeni ukuze kuvuke nezinyanya emzimbeni wesangoma ngokungathi ligobhogobho.

Eli gama lithi ubungoma soloko lingaqondwa kakuhle luninzi lwabantu. Isininzi soloko sicinga ngamayeza okanye ubugqirha okanye imilingo. Isangoma soloko sibhekeliswa qelele kwindawo eziphucukileyo nalusapho lwaso.

Kwimidlalo yeqonga ndijongana nesimo sezithethe ezithile nentetho zazo eMzantsi Afrika. Amaphepha ajongana nentetho entlangothi mbini nendlela ekwenziwa ngayo izithethe kwelinye icala ndijonga ukuzigcina imfihlelo zezi zithethe. Ndipicotha le ngxoxo njengomntu ojongana nengcaciso ezinzulu Foster (1996:302) kwizithethe zomntu.

transformative alterity, and, more, that if he or she *is* perceived as other, he or she has automatic access to it. Taken together, these three assumptions lead to the danger, for the artist as ethnographer, of ideological patronage.

My role as both artist and isangoma subverts the framework and dismantles the boundary between insider/outsider or one/other in which my role as artist cannot be seen as superior in relation to my role as isangoma. Ubungoma is not “other” and differs from predominant (Eurocentric) notions of self.

Professor of performance, Richard Schechner (1988,) notes that all performances are actions and that performance operates in four methods. Firstly, performance operates as behavioral studies, secondly, as artistic practice, third, it operates as participant observation and finally, as engaging in social practices and the performer’s own advocacies. Performance theory is a broad and inter-disciplinary. Performance is not fixed, it can move from the mundane to the unimaginable, and it exists within every discipline and everyday life, often mimicking everyday life, routine and ritual (Schechner 1988).

The body, in performance art, is the medium; it is a transformative instrument that compels one to face one’s own corporeality. Complicating this are social inscriptions on the body, or what American feminist and performance scholar, Peggy Phelan (1993), calls “the marked body,” such as race and gender, which are ultimately political subjectivities. The body mirrors society. In my performances the body is not just a physical medium, the body is a powerful symbol. As a young black woman, my appearance and presence is political, in this way looking towards Foster's idea of the artist as ethnographer provides a way of understanding my research. While I do not fully agree with Foster's entire theory as it appears to posit that the artist as ethnographer is fundamentally skewed. However, I feel that the relationship between art and ethnography is inevitable when producing work from the position of the other.

In my work, I refer to the body as a vessel with multiple subjectivities. Rather than ‘I’, ‘we’ is significant. The word “vessel” in this research relates to a body that has many other subjectivities within that body and exists as ‘we’. In isiZulu when people greet an individual they usually use the plural form: *ninjani?* In this way an individual exists because of the collective. Implied in this, however, is the unseen ancestry that is also always referred to in defining oneself.

The element of secrecy in my work lies in the assumption that secrets are personal – relating only to the individual – yet they become secrets because of the possibility that they might become public collective knowledge. Mary Nooter

uRichard Schechner (1988) uthi into yokuba emidlalweni kukho izinto ezine ngoba imidlalo yeqonga yinto eyenzekayo, eyokuqala yindlela yokuziphatha kwezemfundo, eyesibini, yindlela yokwenza ezenkcubeko, eyesithathu kukujongisisa ngobayinxalenye, eyokugcina kukuba yinxalenye ekusebenzisaneni ekuhlaleni nokuthetha. Inggqiqo kwimidlalo yezenkubeko yinto ebanzi kakhulu. Umdlalo ayisiyonto engagungqiyo. Ingasuka kwinto ephambeneyo ukuyotsho kwinto engacingelekiyo kwaye iphila nakweyiphi indawo nakubom bemihla ngemihla, ithatha okwenzeka kubomi bemihla ngemihla, kwindlela nakwisithethe (Schechner 1988).

Umzimba emidlalweni wezenkcubeko nguwo othethayo, yinto ejikajikayo endenza ndijonge indlela umzimba owenziwe ngayo. Eyona nto ephixanisa yonke le nto yomzimba zizinto zasekuhlaleni nangendlela odalwe ngawo kutsho uPeggy Phelan (1993), njengo hlanga nesini ngokujonga zizo ezopolitiko. Umzimba uchaza ukuhlala. Kwimidlalo yam umzimba ayonto ethetha nje kodwa yimboniso enamandla. Njengentombazana entsundu owam umzimba ejongekile nke ucalulekile.

Kwimidlalo yam ndijonga umzimba njengegobhogobho elinezinto ezininzi. Endaweni kobumna ndisebenzisa ubuthina ngabom. Eli gama lithi igobhogobho kule ngxoxo ndilidibanisa nomzimba onemizimba emininzi ephila kuwo yiyolonto ndisithi ubuthina. EsiZulwini abantu xa bebulisana basebenzisa esi sininzi singu 'ninjani?' Ngolu hlobo isiqu siphila ngenxa yabanye abantu. Ngale ndlela kuchaza into yokuba kukho nabanye abangabonakaliyo abakulo mzimba.

Imfihlelo emsebenzini wam ihlala kwisigqibo sokuba imfihlelo yinto yomntu edibene nalo mntu. Iba zimfihlelo ngoba kunokwenzeka ekuhambeni zingavela zibelulwazi esidlangalaleni. Mary Nooter-Roberts (1993), Gilles Deleuze (1987), Felix Guattari (1987) noBeryl Bellman (1981), bonke babhalile ngemfihlelo kwaye bachazile into yokuba intlangothi mbini ngoba ayomfihlelo xa abanye beyazi ukuba iphila njenge mfihlelo. Ngolo hlobo uMary Nooter-Roberts (1993:41) uxoxa ukuba "imfihlo nomtsalane wayo ukumqondiso wokuvela

Roberts (1993), Gilles Deleuze (1987), Felix Guattari (1987) and Beryl Bellman (1981) have all written perceptively about secrecy, and have pointed out that it embodies a paradox because a secret is not a secret when others know that it exists as a secret. In a similar vein, Nooter Roberts (1993:41) argues, “the power and attraction of the secret lies in the possibility of its disclosure.” The paradox and interplay of revealing and concealing frames my practice as *isangoma*, *inyanga* and artist with a responsibility to keep some secrets secret. As an artist working with a set of nebulous ideas, this interplay presents a risk. The question arises: what are the implications of the photographic medium and video in documenting performances of secret rites? What does it mean to perform these in a gallery and for an audience that regards traditions as “other”?

In chapter one, I focus on the paradoxes of secrecy as well the uses of language and access. Using the work *iGagasi (2015)* and *Uthengisa unokwreze elunxwemene (2014)*, I unpack the ways in which secrecy is guarded. I also draw from work by Nicholas Hlobo, *Umtshotsho (2009)*, and Churchill Madikida’s *Struggles of the Heart (2003)*. In these examples, both artists use various aspects that reveal specific characteristics of ritual and tradition by presenting the promise to divulge that information. In Nicholas Hlobo’s work, the strategy is language, which seems to divulge but limits access for those who do not understand isiXhosa. In my own work it is both language and enunciation, in performing and not performing.

In considering the centrality of the body as structures of power and oppression, chapter two focuses on these complexities. The body, primarily, reveals and conceals. Rethinking the racialised and gendered body, my research seeks to problematize fixed ideas about femininity and blackness in relation to tradition and ritual.

Although Black Feminism presents discourse that deals with the politics of the bodies of black women, I am more interested in the body as a transcendent vessel through which many beings can exist. So while Black Feminism will surface throughout the paper, for the purposes of this research, it does not provide the central guiding point in understanding my relationship to the body and performance.

This chapter considers performance as an extension of ritual and rites of passage, based on the notion that the body is a crucial communicative instrument in performance that drifts between the physical and spiritual world. Looking at *Uncles and Angels (2012)* by Nelisiwe Xaba and Mocke J van Veuren in relation to my work, the state of inbetween-ness, plurality and subjecthood reveals the political potency of the body. I align these concepts with my practice, specifically the video pieces *uNgenzelephantsi (2014)*, *uMhlekezi (2015)* and the installation, *Ubunxaxha (2015)*. I also analyse Pieter Hugo’s *In Spirit, portraits of traditional healers communing with the ancestors (2005)* in relation to race.

kwayo". Ndiyangqinelana nabo bobabini uBellman noNooter kulendawo yokuba imfihlo intlangothi mbini ngokwazi umsebenzi wayo ekutyhileleni nasekufihleni kwizithethe. Olu ngquzulwano phakathi kokutyhila nokufihla iqukumbela umsebenzi wam njengesangoma, inyanga nomdlali wenzenkcubeko ekugcineni imfihlo iyimfihlo. Njengomdlali wezenkcubeko osebenza ngengqiqo ezingagqibelelekanga iba yingozi. Kuthetha ukuthini ukwenza le midlalo kwindawo ebonisa ngenkcubeko phambi kwababukeli abajonga into zakwantu ngenye indlela?

Kwisahluko sokuqala ndiqwalasela ungquzulwano nzisa ulwimi nasekufikeleleni. Ekusebenziseni eligama lithi *iGagasi (2015)* kunye *noUthengisa unokwreze elunxwemene (2014)*, ndityhila indlela imfihlo ekhuselwa ngayo negqiqo zezokufikelela. Ndichaphula nakwimisebenzi kaNicholas Hlobo *Umtshotsho (2009)*, noChurchill Madikida *Struggles of the heart (2003)*. Aba bantu bjongene nezenkcubeko basebenzisa indlela ezahlukileyo ezityhila izinto ezithile zezithethe namasiko zithembisa ukuphalaza ulwazi. Kumsebenzi kaNicholas Hlobo, iqhinga lulwimi ekubonakala ukuba luyaziveza imfihlelo kodwa lubeke umda ekufikeleleni kwabo bangasaziyo isiXhosa. Kum zizo zombini, ulwimi ekudlaleni nangaphandle ekudlaleni.

Xa uthatha ukujonga kwezo meko zemfihlo nobumsulwa obubona umzimba njengeyona nto ibalulekileyo, kwisiqingatha sesibini ndijonga isininzi somzimba. Ndinga ucalucalulo kunye nesini somzimba kwaye nengxoxo ijonga ekuziseni ingxaki kwingcinga ezingqongqo kubufazi nakubumnyama xa budibene nezithethe kunye namasiko. Ekongezeni isihloko sesibini uqwalaselisa indlela umzimba obaluleke ngayo ekutyhileni nasekufihleni. Esi sihloko sijonga ukuba umdlalo njeje lungu elongezelweyo kumasiko nezithethe. Umzimba wona sisixhobo esihamba phakathi kwelizwe lwenyama nelomoya. *Uncles and Angels (2012)* kaNelisiwe Xaba kunye noMocke J van Veuren, ndijonga kwinto yobuninzi. Ndidibanisa ezi ngcinga nento endiyenzayo kanyekanye nomboniso wam womdlalo othi *uNgenzelephantsi (2014)*, *uMhlekezi (2015)* kunye *Ubunxaxha (2015)*. Ndihlalutya nomsebenzi kaPieter Hugo othi *In Spirit, portraits of traditional healers communing with the ancestors (2005)*.

Ndiyithathela engqondweni into yokuba into akholelwayo kuyo umntu iyakwazi ukuphindaphindana, isihloko sesithathu sijonga ingxaki zomzila sibonisa nesiqobo sobunye ngoba kukho imizila ekhoyo esiqwini ngasinye, ubuninzi

The third chapter delves into concepts of the trace. The trace is linked to cleansing, which is a major element in some rituals. For example, the passage of young girls to adulthood is seen as a process of identifying “pure” virginal, clean women. Bathing and washing is a significant social and performative part of the process. The work *Qunusa! Buhle*. (2015) is about seeing the regulation of what is seen as “impure,” as suppression of knowledge. However, washing something off is also to refer to its existence; it is evidence or testament. The trace implies both absence and presence. Here, I also consider the presence of ancestors in one’s body. Multiple subjectivities present a dialectic of presence and absence. Furthermore, I investigate the trace that the artist leaves behind: an extension of the performance which ultimately becomes the art piece. The trace of the artist presents liminality. I see the key medium in my practice, photography, as a trace of reality. I critically discuss, *Inzilo: Ngoba ngihlala kwabafuleyo* (2014), *iSana libuyele kunina* (2015) and the video piece *Imfazwe yenkaba* (2015), in thinking theoretically about the notion of the trace in a socio-political framework. I also examine the notion of purity in relation to the trace, with the work.

bomntu. Lo mzila ubonisa zombini, ukungabikho nokubakhona. Le nto yophindaphindo ibonakalisa intetho yokubakhona nokungabikho. Ngale ndlela ubuninzi bubonakalisa ukubakho nokungabikho. Isihloko sesithathu sigrumbagrumba umzila oshiywa ndabadlali benkcubeko ngasemva kodwa nongezelelwano lomdlalo ophinda abengumdlalo wenkcubeko. Umzila womntu ojongene nezenkcubeko xa upha uye uqhubeke nomsonto wengcinga kwindawo. Ndiwubona lomzila njengento emele umzimba nesithombe (yenye yezinto ezibaluleke kakhulu emsebenzini endiwenzayo). Oko mzila wokwenyani. Ndixoxa ngokuqiqileyo *Inzilo:Ngoba ngihlala kwabafuleyo* (2014), *iSana libuyele kunina* (2015) nomboniso *Imfazwe yenkaba* (2015) xa ndicinga ngemeko yalo mzila kwezokuhlala. Kwa kwesi sihloko ndiye ndijonge ubumsulwa kulomzila ngomsebenzi u*Qunusa!Buhle*. Apha imfihlo ayikokunkonya ulwazi kodwa nokucinezela ulwazi oluphangaleleyo njengomzila wobumdaka.

## Chapter One Secrecy's guarded tongue

By using the term secrecy, I am alluding to the boundaries that are set in the 'preservation' of cultural traditions. I also regard the preservation of cultural traditions as a response to colonialism and to overly homogenizing global cultural exchange. Taking into consideration that British colonialism used ethnicity and ethnic-specific traditions divisively (Ranger 1983), I want to think of African tradition as a necessary antithesis to colonialism. As Herbert Cole (1985:14) observes, tradition is "a transmission over time, a handing down from generation to generation of something in words, practice, or style and form." Culture is seen as "a repository for values that have been evolved by the different social strata in that society over time, in the sense that it holds a given society together it is more conservative than the economy and political life of the society which change relatively more rapidly" (wa Thiong'o 1993, XV). My own practice reflects the historical processes of change over time. Culture is something that sustains the longevity of inherited memory and is also a constant engagement with performance. In this chapter, I think about different metaphors for culture and secrecy as well as the role of language and accessibility.

## Isahluko Sokuqala Imfihlo ekhuselwa lulwimi

Xa ndisebenzisa eli gama lithi imfihlo ndithetha ngemida esekelwe ekukhuseleni izithethe namasiko. Ndiyayijonga nendima yokukhusela amasiko nezithethe njenge mpendulo kwizithethe ezisekelwe mbombe zone zomhlaba. Xa ndithatha ukuqwalasela unxinzelelo lwamaBhilitane lwasebenzisa umahluko kwezemveli ukwahlula (Ranger 1983), ndifuna ukucinga ukuba imveli ngengento abakuleli lwaseAfrika abayisebenzisa ukulwa unxinzelelo. Ndisebenzisa imveli ngendlela ayisebenzisa ngayo uHerbert Cole, (1985:14), "njengomnikelo exesheni, umnikelo osuka kwisuzukulwana uye kwesinye isizukulwana ngamagama, ngokwenza nangendlela okwenziwa ngayo." Imveli yindawo "apho kugcinwa khona izinto ezibaluleke kakhulu ezitshintshayo emaxesheni ngenxa yendlela yophilwa ekuhlaleni. Ibamba abantu kunye ngendlela ekhuselayo ngaphezu kwezoqoqosho nezopolitiko kulo zona zitshintsha tshintsha oko" (wa Thiong'o 1993, XV). Eyam indlela yokwenza izinto ibonakalisa indlela yokwenza izinto zakudala nokutshintsha kwamaxesha" Imveli yinto egcina izinto ezakudala zingalehleki ngolo hlobo uyafana nokwenza umdlalo.

Kulo msebenzi *Uthengisa unokwreze (2014)* noi *Gagasi (2015)* amanzi aye afane nemveli, indawo yokugcina, ukuhamba hamba, wazi uphinde ungazi. Kwezi zithombe ndizifaka elwandle. Amanzi njengendawo ebambekayo nendawo yomoya echaza izinto ezinokwenzeka kum njengomdlali wezenkcubeko nanjengeSangoma. Kwinkolo yaseAfrika amanzi, ulwandle, umlambo, udama yonke nje into enokwenza namanzi ibonakalisa olunye izinga lokuphila. Kulo mdlalo bekunyanzeleke ndiqanyangelwe ngentsontela ukwazi ndingatshoni ngoba umzimba uyakwazi ukuba ngumoya, le nto ibaluleke kakhulu ngoba kwenzelwa ukuba noba kungenzeka ukuba nditshone ndikwazi ukuhlangulwa ngoba amanzi ngumzimba womoya nam ndingumoya.

### Secrecy, depth and fluidity

In the works *Uthengisa unokwreze elunxwemene* (2014) and *iGagasi* (2015) water becomes like culture, a repository. It is about fluidity, mobility and knowing and not knowing. In these photographic works I am immersed in the sea. The water as a topographical and spiritual space represents both possibilities for me as an artist and *isangoma*. In African mythology the ocean, sea, rivers and lakes – any natural bodies of water<sup>3</sup> – are representative of another realm. During this performance I had to be tied by a rope, so that I did not drown. Water is a spiritual home and I am a spirit. The risk lies in the possibility of being pulled in. I consider the ocean as a significant metaphor for secrecy. The depth of the ocean bearing unknown life, as well as the ebb and flow that brings some things out into the open but keeps other down, points to the fluid nature of the secret.

There is a story about how people who are spiritually inclined (*abantu abagulayo*) go into a house in the ocean to *twasa* (the initiation process for *isangoma*). In direct correlation to that story is another one about those who are taken by the water because they refuse to *twasa*, therefore people who are spiritually inclined should be wary of the water as there is the possibility that their ancestors reside in the water. Similarly, my encounter with the water has always been a complex interaction.

The ocean is a very volatile space because it is a space where many sea and land spiritual energies converge. For *isangoma*, the ocean is a birthplace but it is also a place where one goes to die. I have never been able to go into the ocean alone. During my initiation we had to go into the ocean. My mentor ensured that there were five people who she felt were strong enough to pull me out of the ocean should anything happen. She and other prophets prayed for the woolen ropes that were tied around my waist and ankles. I set foot into the water with a chicken in my hands while two people held each rope. I managed to walk into the ocean and returned without the chicken. There is a saying that a silver coin buys one permission to enter this sacred space as a spiritual being. In the

<sup>3</sup> There is a difference between natural and man-made bodies of water. In natural bodies of water there is something inside that tells me to stay away, the vastness and other-worldliness incites fear. Whereas in man-made bodies of water, pools for example, I could easily swim.

### Imfihlo, ubunzulu kunye nobumanzi

Kukho ibali lokuba abantu abagula ngokomoya baya endlini elwandle beyokutwasa. Kwelinye icala kukho ibali labo bathathwa ngamanzi ngoba bayala ukuthwasa, ngolo hlobo abantu abagula ngokomoya kufuneka bawalumkele amanzi ngoba maninzi amathuba okuba izinyanya zabo zihlala emanzini. Kuyafana nendibano yam namanzi oko yabayimpixano. Kwesi sahluko ndijonga ulwandle njengesikweko semfihlo. Ubunzulu bolwandle obuqulathe ubomi ubungaziwayo, nendlela lokukhupha imfihlokodwa likwaziukugcina ezinye yenye yendlela yokucinga ngokugcina kwemfihlo.

Ulwandle yenye yendawo etshayo ngoba yenye yendawo apho kudibana khona imimoya ngemimoya, imimoya ephila kwelinye ilizwe neminye imimoya edibana emhlabeni. Kwizangoma yindawo yokuzalwa kodwa iphinde ibekwayiyo nendawo aphoumntu ayofela khona. Zange ndakwazi ukuya elwandle ndedwa. Ebukhwetheni bam kwakunyanzeleke ndiye elwandle kodwa ikhankatha lam laqinisekisa ukuba kukho abantu abahlanu owayesazi ukuba bondlekile ngoba kwakunokwenzeka nantoni. Bona babenzelwe ukuba ndihlangulwe xa nditshona. Bandibophelela ngentambo ziwuli esinqeni nasemaqatheni ezazithandazelwe sisininzi sabaprofeti. Ndifake inyawo emanzini ndiphethe inkukhu esandleni ngoku abanye bebambe intsontela. Ndikwazi ukungena elwandle ndabuya ndingayiphethanga inkukhu esandleni. Kukho intetho ethi imali ekhazimlayo ithenga imvume yokuba umntu angene le ndawo igcwele ngokomoya. Kumdlalo othi *Uthengisa unokwreze elunxwemene noiGagasi*, ndingena elwandle ndichulumancile ndizibuza ngawaphi amathuba ahleli phantsi kwamanzi.

Kukho umahluko kwimizimba edaliweyo nemizimba yamanzi. Kwimizimba edaliweyo yamanzi kukho into ngaphakathi endixelelela ukuba mandimele qelele, ubukhulu namanye amazwe andihlohla uluyiko. Kwimizimba eyenziweyo yamanzi ndingakwazi ukuqubha. Kukho indawo yobungozi kumdlalo. Kukho indlela yokuphila engakwazi ukuthethek ngamagama.

Kumsebenzi *iGagasi*, ulwandle lubonakalisa ukutshintshatshintsha kobuNgoma okanye umzimba. Ubungona lungamanzi ngokwendalo. Kukho ungquzulwano kwezomoya ekwazi ukuchazeka xa umntu esamkela ukholo ngamanzi apho umphefumlo ezalwa okutsha. Umzimba wenyama uzifaka engozini ukuze kufike ubomi obutsha, ithuba lokuguquka njengeSangoma. Olo guquko lomphfumlo lubonakala emizimbeni yamanzi ahambayo efihla etyhila. Ulwandle luhlala luyindawo engaziwayo, indawo yemfihlo engafikelelekanga.

performances titled *Uthengisa unoKrwece eLunxwemene* and *IGagasi*, I walk into the ocean slowly and wonder what possibilities lie underneath the water. There is an element of risk involved in the performance. There is a different type of life force that exists there, which is inexplicable.

In the work *iGagasi*, the ocean also signifies the transformative nature of *ubuNgoma* or the transformation of the body as it is submerged. *Ubungoma* is fluid in nature. There is a metaphysical dilemma that is best articulated in the form of a baptismal where the spirit is reborn in water. The physical body risks life for the newness of life, the possibility of transformation as *isangoma*. That transformation is represented in large bodies of moving water that conceal and reveal. The sea remains unknown terrain: a space of secrecy and inaccessibility.

Kumdlalo nakwimboniso ezijongene nemveli nezithethe ezingcwele ezibalulekileyo nezinto eziphumayo. Umdlalo wento ezifihlakeleyo, umzekelo kwisiXhosa, isiSotho, isiZulu nesi Vhenda, luveza umbuzo ngohlanga, uGilbert kuNooter-Roberts 1993:123

Nokuba zizinto ezingatyhilwayo zobomi bemihla ngemihla okanye imfihlelo ezidibene namandla ezithixo nenkosi, imfihlelo ibingasozwe ukuba zaziwe njenge mfihlelo ukuba bezingachazwa. Imfihlo inongzuzulwanooluthile: ubukho bemfihlo bungaziwa jikelele kodwa ubunzulu bayo baziwe ngabathile. Umsoco benye imfihlo bungaziwa nguwonkewonke nokuba ichazwa ngesikweko. Kukho into ngazo zonke ezi mfihlo, ziyinto enye.

Kwixesha lobukhwetha izinto ezininzi zivela ngendlela efihlakeleyo. Umzekelo intetho ezisetyenziswa kwabantu basetyhini namadoda iyatshintsha kodwa lo nto ixhomekeka kulo meko. Amakhwenkwe asebenzisa intetho ethile xa esentabeni. Amabhinqa akufuneki eyazile ukuba kuqhubeka ntoni okanye bathethe ngayo. Wonke umntu luyayazi kuqhubeka ntoni kodwa ngabo nabo abayazi ukuba yintoni kanye kanye into eyenzekayo ngoba amasiko ayohluka kwintlanti ngentlanti.

Ndixoxa nzulu ngabadlali benkcubeko abasebenza ngezi meko, kwicala elikhanyayo endisebenza kulo ukwazi ndigrumbe imida yezithethe nendima yemfihlo kwizisekelo zengqiqo. Ngokucacileyo imfihlo ligama labeNguni elithetha into efihlakeleyo, nokufihla, nokungcwaba nokufa.

## Language

The Nguni word for secret is *imfihlo*, which refers to something hidden, to hide, burial and death. In my work, I use Xhosa titles because I feel that English translations of certain words fail to carry the full meaning. The use of Xhosa in a Eurocentric institution is a form of transgression and makes accessibility ambiguous. In performances such as *Zemk'inkomo magwalandini (2015)* and *Inzilo: Ngoba ngihlala kwabafileyo (2014)*, I speak in isiXhosa, revealing some things while I conceal others. In the South African context, indigenous languages have been inferiorised, and often treated as though they are not intellectual languages.

In my performances, I treat Nguni languages as scientific and intellectual languages.

Performance, live and installation art that focuses on traditions and sacred rituals necessitate conscious 'guarding' of things that surface. The performance of secret elements in, for example, Xhosa, Sotho, Zulu and Venda, poses ethical questions but also functions as transgression. As American scholar Michelle Gilbert (in Nooter Roberts 1993:123) argues:

Whether as the undisclosed things of everyday life or the unexplained mysteries associated with the powers of the gods and the king, secrets would not be known to be secret if they were never told. Secrecy is necessarily ambivalent and contradictory: the existence of the secret may be widely known, but its content only to a few. The content of another secret may be known to all, though it is revealed only metaphorically, in carefully orchestrated contexts. There is a continuum between these different types of secret; they are all part of one system.

During a rite of passage (which vary between clans) numerous things are revealed metaphorically. For example, the language that is used for women and men alters depending on different situations and circumstances. Young boys use a certain dialect while in seclusion. Women are not meant to know what takes place or speak about it. Everyone knows what is going to happen but only a few know what really occurs inside the enclave of the ritual.

## Ulwimi

Kweyam imisebenzi ndisebenzisa isiXhosa, ulwimi lwenkobe, ngoba ndlela le ndibona ngayo iSengesi siyoyisakala ekuthwaleni izinto ezibalulekileyo zakwantu. Ukusebenzisa isiXhosa kwamaziko aphezulu ezemfundo yenye yendlela yokuphula umthetho kwaye ibangumqobo. Kwimidlalo enjenge *Zemk'inkomo magwalandini (2015)*, *nelnzilo; Ngoba ngihlala kwabafileyo (2014)* ndithetha isiXhosa ndityhila ezinye zezinto kwelinye icala ndifihla ezinye. Emzantsi Afrika ilwimi zakwantu ziyeshelwe kwaye ziphathwa njengwelwimi zabantu abangazongqondi. Kwilomidlalo yam ndiziphatha ilwimi zakwantu njengolwimi zolwazi nezengqondi.

Abadlali bezenkcubeko abafana noNicholas Hlobo kunye noChurchill Madikida basebenzisa lo maqhingana. uHlobo usebenzisa izihloko zesiXhosa qha kwimisebenzi yakhe yenkcubeko. Ngokwenza ngolu hlobo yena uMadikida usebenzisa umdlalo kakhulu ngaphezu kolwimi ukubonisa engazixelanga ezinto ezithile. Kumdlalo, *Struggles of the Heart (2003)* ugangatha ekuthetheni nasekuthulisweni. Kumboniso wakhe uhlafuna ipapa yomgubo, ukutya kwabakhwetha. Lo mgubo ucgwalisa umlomo abe lulwimi olunentsingiselo efihlakeleyo.

Izigqibo zikaHlobo kwizihloko zemifanekiso eqingqiweyo yesiXhosa yakha umqobo ofihla ulwazi kwabo bangasivayo isiXhosa. Uliphalazile ulwazi kwabo bangazaziyo izithethe. *Umtshotsho* kaHlobo ubuza ngobuthina, ngezesini nakwindlela esigqitha kuzo kweli xesha siphila kulo. Ifana nqwa nale ndlela ndicinga ngayo ngomsebenzi wam.

Kukhu ukuhambela phambili kwesi ngesi. Ulwimi yinxalenye kwinqubo yokudibanisa umba wembumba. uPaul Ricouer (1978:144) ubandakanya ukuba "intetha yombhalo ayifihlakalanga kumbhalo kodwa phambi kwawo. Ayonto ifihlakeleyo kodwa iveziwe." Ndikhethe ukubhala iphepha lam ngesiXhosa ukwazi kuziphixana umba wokuhlalutya komsebenzi nolwimi. Izigqibo sam sokuthiya imidlalo yam yeqonga nemiboniso yam ayibeki mqobo kodwa ivula isikrobo sokuthethathethana kwizinto ezidibene nezolwimi kwezopolotiki.

How does the performance or re-enactment of the secret elements of cultural and traditional practice in performance, live and installation art dispose of their symbolic function, and simultaneously concentrate important social meanings? But like conventional routines, they owe their origins to willful creations aimed at effective application of power. In light of my own practice, I critically discuss specific artists who work with these issues.

South African artists such as Nicholas Hlobo and Churchill Madikida have used similar strategies. Hlobo uses, almost exclusively, Xhosa titles for his artworks. Hlobo's decision to title oeuvre in isiXhosa creates a barrier that conceals knowledge for those who do not understand isiXhosa. He has also shared information with those that do not know the ritual. Hlobo's *Umtshotsho* (2009), for example, alludes to many narratives that are often obscured by the overarching narrative of masculinity as race, gender, and sexuality questions.

Madikida, however, uses performance, a bodily language, rather than a spoken language to show but not tell certain things. In the performance, *Struggles of the Heart* (2003) Madikida alludes to being silenced. By not speaking or showing the difficulty of speaking about certain things, Madikida points directly at power structures in which language is a core apparatus. In this video he chews *mielie pap*, a staple for initiates.

The pap fills his mouth and becomes symbolic of language.

The hegemony of the English language, in my view, does not universalize communication but functions to silence and disable different ways of communicating. Language is part of the process of social reproduction. Paul Ricœur (1978: 144) points out that "the meaning of the text is not behind the text, but in front of it. It is not something hidden but disclosed." I have chosen to write my paper in isiXhosa to complicate the process of interpretation of work and of language. My choice to title my performances and installations in isiXhosa and isiZulu does not impose a limitation but opens up that space of engagement with political hierarchies of language in relation to the traffic of knowledge.

## Spectatorship and performing the secret

In performing practiced cultural rituals there is always the risk of divulging too much, altering too much, and showing too much. Performance art has a particular audience in the public, theatre and visual arts. Theatre, visual and public art has an audience while most rituals are based on not having an audience. However, the exoticisation of traditional rituals is also a form of spectacularisation. “Traditional objects” in museums for example are treated as extraordinary things that are for “show.” There is an element of visual consumption in practices such as male circumcision, for example. My interest lies in the manner in which an artist chooses to perform rituals in public spaces, while managing to keep certain elements secret.

In my own practice, the distinction between private and public is porous. It is important however to keep in mind that “the audience” which is often referred to as “the public” is not a homogenous public. In the South African context, there is uneven spectatorship. Public spaces are only public to those who are able to access the space. The city of Cape Town, for example, still reflects architecturally the way in which public spaces are not easily accessible for all who live in Cape Town, reinforcing the point that public has the propensity to remain largely private.

Nicholas Hlobo and Churchill Madikida both work within the liminality of showing and not showing. Nicholas Hlobo is a South African performance and installation artist whose use of Xhosa cultural idioms in rites of passage

problematises the relationship between the performer and relation to secrecy. In the Xhosa culture, *ukwalusa* or circumcision is often referred to metaphorically but never explicitly discussed. As he had done in his earlier work Hlobo critiques the *construction* of culture. For Hlobo, the normalized heterosexuality that dominates understanding of *ukwalusa* conceals the possibility of varying sexual identities and relations formulated during that process.



Nicholas Hlobo, *izithunzi*, 2009  
Rubber, inner tube, ribbon, organza, lace,  
found objects, steel, couch

## Ukubukela nokudlala imfihlo

Ekudlaleni amasiko nezithethe kukho ubungozi bokuveza kakhukulu. Amanye amasiko akho ngokugcina izinto ezininzi zifihlakele. Kodwa ke into yokuveza amasiko esidlangaleni kwenzelwa ukuba mawabonwe. Imveli kwindawo yokubonisa imibono yenkcubeko ziphathwa njegemisebenzi engaqhelekanga efuneke iboniwe. Kukho into ekufuneka ehlfuniwe kwimibono yolwaluko.

Kwimidlalo yam ndijongana nezinto eziqhubeka ngoku nezithethe namsiko endithe ndangqubana nawo. Indlela umdlali wenkcubeko akhetha ngayo ukudlala amasiko esidlangaleni, kodwa akwazi nokugcina ezinye izinto zifihlakele kulapho owam umdla ukhoyo. Ingxaki yokudlala amasiko esidlangaleni ingayinto yokuba hayi wonke umntu obukele umzimba owenza lo masiko uzokwazi ukuphendla imfihlo yawo. Umdlalo wenkcubeko unababukeli. Kusesidlangaleni apho umntu abonakalisa izinto eziyimfihlelo, ezingafane zithyilwe.

uNicholas Hlobo noChurchill Madikida basebenza ekulinganeseleni kwindaba yokukutyhila nokufihla, nokuxela nokungaxeli kwimisebenzi yabo. uNicholas Hlobo ngumntu wenzenkcubeko kwimboniso nakwimidlalo, usebenzisa amaqhalo esiXhosa. Kwindlela eya ebudodeni ugrumba umba wokubukela nokutyhila. Esikweni lakwaXhosa ulwaluko lusoloko luqhuskekiwe akuthethwa ngalo phandle. Njengokuba enzile kwimisebenzi yakhe yakuqala uHlobo uxulunxa umba wamasiko ekwenziweni kwemveli esebenzisa imiboniso nomdlalo. KuHlobo esi siqhelo sokuthungana kwesini ezohlukeneyo siquma into yokuthungana kwesini esinye (lo nto iphela iba yimfihlo).

*Umtshotsho* (2009),  
ngomfanekiso oqingqiweyo owenziwe ngerabha, ribhoni, umtya, intsimbi nezinye ke izinto. Yindibano yemifanekiso eqingqiweyo esibhozo ebonakalo ebumanzirha nokuba yenziwe ngerabha. Le mifanekiso



Nicholas Hlobo, *izithunzi*, 2009  
Rubber, inner tube, ribbon, organza, lace,  
found objects, steel, couch

*Umtshotsho* (2009) is a sculptural installation consisting of rubber inner tube, ribbon, organza, lace, steel and found objects. It is the congregation of eight ghostly figures that appear to be rather fluid despite being made of rubber. The figures are ominous and looming. In their positioning and scale, the figures also isolate the viewer. Much like the idioms that Hlobo uses in his titles, the figures possess a dualistic quality.<sup>4</sup> They could be either male or female. The space is both masculine and feminine, soft and hard, ugly and beautiful, much like the ghostly figures. The word *izithunzi* refers to shadows, but it also refers to integrity. Both the word and the installation exist twofold.

*Umtshotsho* in Xhosa culture is a gathering of men, women and boys from and around an initiate's village.<sup>5</sup> The gathering begins in the early hours of the morning until the time when the initiate begins to make his journey from his home to where his introduction into manhood will take place. During *umtshotsho* the majority of women sing traditional songs with some of the men. The other men drink *umqombothi* or watch the stick fights between boys from different villages. *Umtshotsho* is the initiate's farewell to his boyhood, the men who are around him before his "ascent" into manhood impart advice and *inqalatha* is chosen for him. According to Hlobo, "*umtshotsho* rarely takes place in its old form and young people have found alternatives such as going to bars and clubs" (Perryer 2009:9). I have experienced *umtshotsho* as one of the females in my family and the communities that I have been part of *emaXhoseni*.

As time passes the younger generation and those who have taken part in sacred rituals become the gatekeepers and guardians of knowledge. As Nooter Roberts observes "probably the most widespread, institutionalized revelation of secrets in African societies involves the initiation of adolescents into adulthood" (1993:43. "Initiation may constitute the most transforming and enduring social boundary that secrecy can set in Africa, separating old from young, men from women, even royalty from commoner" (Murphy 1980). The new generation is needed for the purposes of continuity otherwise a fracture and loss of information occurs between generations. Yielding to intergenerational mistrust, the crisis rests with the younger generation being unresponsive to the older rituals and rites. This may be because knowledge is inadequately passed on, or not at all. Its primary focus is to reproduce

and lace. Some of the figures are standing; some are suspended from the ceiling while another claims his/her space on a sofa. The figure seated on the sofa is placed at the edge of the room for another figure, the figure appears to demand its own space evoking thoughts of subservience as the sofa begins to resemble a throne. It is as if he is an authority on the ritual, he presides over pertinent issues surrounding *umtshotsho*.

<sup>5</sup> *Umtshotsho* is not confined to villages, within the urban context people from neighbouring townships and the city participate in the same way that people from the villages would participate.

iqingqiweyo ijongeka ngengento enokuwa naninina kwaye ayiqhelekanga ngokujongeka. Kwindela ebekwe ngayo lo mfanekiso uqingqiweyo ubeka umda phakathi kwawo nombukeli. Lo mfanekiso uqingqiweyo unemboniso ezimbini kanye ngolwa hlobo uHlobo asebenzisa ngayo izihloko zakhe. Zingakwazi ukuba yindoda ziphinde zibengumntu wasetyhini, ngumdlali yedwa owaziyo. Umdlali wezenkcubeko uyayazi yeyiphi imfihlo equlethwe sisihloko ngoba zingayinqwaba into ekungathethwa ngazo esiXhoseni.

Isiqithi asenzayo uHlobo kulomboniso uthetha ngqo kwizinto zakwaXhosa zomtshotsho. uHlobo ukhethe ukubeka ingqwalasela kwisiko lolwaluko, isiko .elombathiswe ngemfihlo. "Impikiswano kwimfihlo ikwinto yokuba eyona nto ibalulekileyo zezimfihlo zibekwa emehlweni kawonkewonke" (Nooter 1993:185. Intetha kaHlobo kule mfihlo ivusa imubuzo kwimveli. Imboniso iqhakazile yimibala ebhanyabhanya, leyo yenye yendlela uHlobo ashukuxa ngayo izisekelo zesini. Wenze indawo eyimpikiswano, ugcina imfihlo kwimpixano. Indawo sinobudoda sinobufazi, siqinile sithambile, sihle sibi, njengala mfanekiso uqingqiweyo obubuthunzela. Usinika ithuba kwinto ehlala ifihlakele, enempixano.

*Umtshotsho* esiXhoseni ngumhlangano wamadoda, amabhinqanamakhwenkwe aphuma kwilali yekwekwe nakwezinye. Indibano iqala pha ekuseni ukuyotsho kwela xesha lokunduluka kekwekwe isiya apho ke ilindwe khona bubudoda. *Umtshotshweni* isininzi samabhinqa sicula ingoma zesintu kunye namanye amadoda. Amanye amadoda asela umqombothi okanye abukele amakhwenkwe asuka kwilali ngelali equla. *Umtshotsho* yinto yokuthi ndelantle enkwenkwen, amadoda ayirhangqileyo apha lama amazwi enkuthazo ezindlebeni zayo kukhethwe nenqalatha. NgokukaHlobo "*umtshotsho* kunqabile ukuba anziwe ngolwa hlobo lwamandulo ngoku intsha ifumene enye indlela ngokuya kwipotsoyi" (Perryer 2009:9). Nam ndakhe ndazivela *umtshotsho* njengentombi kusapho lwasekhaya. Imveli isajongiwe *umtshotshweni* kusapho lwasekhaya nakuluntu kwindawo zamaXhosa.

Ekuhambeni kwexesha isizukulwana esitsha nabo bathe baxhamla kwizithethe nakwamasiko akwantu ibangabo inzululwazi. Njengokuba eyibekile uNooter Roberts "Ingenzeka ukuba elona tyhilelo lwenzeka kakhulu xa kususwa umntana ebuntwaneni esiwa ebudaleni "(Nooter-Roberts 1993:43). "Ukuqala kwebakala elitsha kungaqulunqa eyona nto imfihlo ingayenza eAfrika, ingohlula omdala komncinci, indoda ebafazini, inkosi kumntu oqhelekileyo" (Murphy 1980). Esi sikulwana sitsha siyadingeka kakhulu nobangela wokuqhubeka nemveli okanye isikrobo nokulahleka kolwazi luyenzeka phakathi kwezizukulwana. Ukuya elungqzulweni lwezizukulwana, ingozi ilala kwisi zikulwana esitsha esingenankathalo. Ingqwalasela yaso kukuphinda luzale umsenenzi wesini

heteronormative practices using ritual as the premise. The foundation of ritual reinforces the stereotypes where sexuality is central. Based on reproduction, traditional practices cloak sexuality in secrecy. Young girls becoming women or boys becoming men go through initiation based on secrecy but also squarely on sexuality. By doing this they transform sexuality into a biologically determined act of reproduction rather than pleasure. Secrecy, therefore, operates in suppressing sexual pleasure. This issue surfaces in Hlobo's work.

By choosing to title the piece *Umtshotsho*, it is possible that too much has been revealed about the build up to this sacred ritual. The immense and jellylike sculptures could be a metaphor for the impossibility of separating private from public, where sexuality is not only something private, but also something that is regulated publicly by a community or a nation-state. Judith Butler, whose feminism lends something to my argument, (1993: 93) notes

The constructed character of sexuality has been invoked to counter the claim that sexuality has a natural and normative shape and movement, that is, one which approximates the normative phantasm of compulsory heterosexuality. The efforts to denaturalize sexuality and gender have taken as their main enemy those normative frameworks of compulsory heterosexuality that operate through the naturalization and reification of heterosexist norms.

Foremost in secrecy is the manner in which the secret reproduces certain types of social normativity, such as women being courted by men, or the weighting of sex purely for reproductive processes, with sex for pleasure being denaturalised.

In his work, Hlobo creates a cultural diorama. A diorama is a representation of otherwise banal things that people do (like cooking, hunting, eating, dancing), regularly found in anthropological and ethnographic museums. The South African National Gallery had one in existence a few years ago. But the dehumanizing anthropological framework of the diorama turns these acts into spectacles placed on stage. As Madruna has noted, the "diorama is a visual structure that transcends the boundaries of representation itself, consolidating a three-dimensional arrangement with its pictorial setting, which extends the viewer's point of view stressing the *mis en scene* of the real" (2007:1). It is a scene usually fenced off by a glass frame with life-sized figures put on show. It is the apex of anthropological hypocrisy reflecting desires and bigotry of its viewer.

sohlukeneyo sisebenzisa amasiko. Isiqalo samasiko sinika umkhomba ndlela apho isini singundoqo khona. Ekuzaleni, ekwenzeni amasiko nakwi mfihlo yezesini. Amantombazana abangamantombi okanye amakhwenkwe abangamadoda adlula kwibakala elithile elininto yokwenza nesini. Imfihlo isebenza ngokucinezela inkanuko zesosondo. Lo mba uyavela kumsebenzi kaHlobo.

Ngokukhetha isihloko esithi umtshotsho, kunokwenzeka ukuba izinto ezininzi sezityhiliwe ukuya kwesi sithethe. Ukungcangcazela kwimifanekiso eqingqiweyo ezinkulu kungasisikweko kwisiko lolwaluko. Kungenzeka le mifanekiso iqingqiweyo isihloko sawo sithi, izithunzi ngoba zenento emesithunzi kuwo. Lo msebenzi uyabamba ngoba unento eza nempendulo aphinde ayiphicothe ubuXhosa nesi siseko sobudoda kule ndawo yesiko.

The constructed character of sexuality has been invoked to counter the claim that sexuality has a natural and normative shape and movement, that is, one which approximates the normative phantasm of compulsory heterosexuality. The efforts to denaturalize sexuality and gender have taken as their main enemy those normative frameworks of compulsory heterosexuality that operate through the naturalization and reification of heterosexist norms (Judith Butler 1993: 93).

Eyonanto kwimfihlo yindlela imfihlo ezala okutsha ngayo izinto ezithile eziqhelekileyo. Into yokuba abafazi bayatshatwa, ukwabelana ngezesondo akubalulekamga, ukwabelana ngezesondo kupha ukuze kwenziwe abantwana. Amadoda namabhinqa afundiswa lukhulu de kubenzima ukushenxa nakancinci kumthetho osekelwe wona kwibakala oqhithe kulo.

Emsebenzini wakhe uHlobo wenza Into ekuthiwa yidiorama. Idiorama ngumboniso wezinto eziqhelekileyo abantu abazenzayo (ukupheka, ukuzingela, ukutya nokuxhentsa) kodwa ke eyona nto ibulala ubuntu kule diorama ijika ezi zenzo njengemiboniso eqongeni.

Ezona mpixano ngemfihlo nemisebenzi yayo yinxalenye yokuzivavanya amandla. Imfihlo isebenza ekugcineni umda. "Umphakathi, obanakala kulowo uqala ibakala elitsha, lilizwe lezikweko, lentetha ezingaqondi nto, izityhilelo. Ubungqina buyathathwa, kuyafungwa, abaqala elo bakala litsha bayafundiswa ukuba kuza

Secrecy and its uses are part and parcel of the exercise of power. Secrecy works in the maintenance of boundaries. “The inside of the boundary, visible only to initiates, is a world of metaphors, allusions, and revelation. Vows are taken, oaths are sworn, and initiates are taught what may happen to them if they violate the secret” (Nooter Roberts 1993:142). Knowledge is a device for power and governance, the secret is governed by discipline. Michel Foucault (1975; 1978) and bell hooks (1992; 1995) locate sexuality in structures of power. While both theorists write about power and sexuality, bell hooks defers from Foucault as she introduces race in relation to patriarchal and capitalist power, which is enforced through state and governance structures. These ideas are echoed in Hlobo's work which deals with an intersectional and complex masculinity, exploring the tensions between blackness and homosexuality.

Churchill Madikida is a performance, installation and new media artist who offers a contrasting view to Hlobo's, whilst dealing with the same subject matter in *Struggles of the heart* (2003). Madikida has stated that his work is about Xhosa circumcision.

It is not that secret but it is sacred, but it encompasses the involvement and the interaction of the whole community. Before you enter initiation, you first shout and announce your status: I'm still a boy but I'm planning to go through the process and be a man (Madikida 2004:81).

While what happens there is public knowledge, only people who have been through the process really know what happens. It is still something that is based on the principle of a secret.

In his performance, *Struggles of the Heart*, Madikida deliberates about private and public spaces. He has chosen which public will see by putting it up in institutions and galleries. Access would be limited within the traditional community that practices these traditions, apart from the people who are intimately engaged with the practice itself. In the Eastern Cape, for instance, it would only be men who are really exposed to whatever happens in the practice. Beyond that, some people are involved within the various levels of the community, “certain people will have access to what happens; some people will assume they know, and others do not” (Madikida 2004:81).

kwenzeka ntoni ukuba bathe baziphalaza imfihlelo” (Nooter-Roberts 1993:142). Ulwazi lucingo lwamandla nokuphatha, imfihlo iphathwa ngempatho entle. uMichel Foucault ku*Discipline and Punish* (1975), *The History of Sexuality* (1978) kunye noBell Hooks ku*Art on my mind: visual politics* (1995) naku*Black Looks: Race and representation*(1992) babhale kakhulu ngempatho kunye nezesini nokuba zenzeka njani. Umthetho wokuba kuyafihlwa okanye kuyatyhilwa ungasebenza ukuba ugcine ezinye izinto zemveli zinjalo. Ugcithiso lwamasiko ngokomdlalo wezonkcubeko lungajongwa njengento entsha kodwa kwelinye icala lungabonakala lunyemba. Luqhekeza umda phakathi kwinto ezinobunzulu nezinto ezingonyemba kwamasiko.

Uchurchill Madikida ngumdlali wezonkcubeko, mboniso nakwizinto ezintsha kumabonakude, yena uza necala aliphikisayo neli likaHlobo kodwa ke naye ujongana nento efanayo ku*Struggles of the heart*, 2003. uMadikida utshilo wathi owakho umsebenzi ungolwaluko lukaXhosa. “Ayomfihlo kodwa inobunzulu, yenza uluntu luthethe kwaye lubumbane. Phambi kokuba kwindlela eya kulwaluko, uqale ukhwaze uzlixele ukuba uyikwekwe uzichze into oyiyo (2004:81). Lulwazi luka wonkewonke into eyenzeka pha kodwa owona ndoqo waziwa ngabo bayihambileyo la ndlela. Yinto yokwenza nemfihlo.

Kumdlalo wakhe othi *Struggles of the Heart*, uMadikida udlala kwindawo ezifihlakeleyo aphinde adlale esidlangalaleni kodwa akavezi konke. Uzikhethile ezinobonwa sisidlangalala ngokuzibeka kwamaziko nakwi ndawo ezibonisa izithombe zenkcubeko. Indawo ezisesidlangalaleni zifihlakele ngoba ayozondawo zikawonkewonke kwaye akukho lula ukufikelela kuzo. Isidlangalala ayondawo yomntu omnye. Emzantsi Afrika into yesidlangalala inento nokwenza nohlanga okanye uzinga. Ufikelelo lunomda nakuluntu lwemveli olwenza lamasiko ngaphandle kwabo basondeleyo emsini. eMpuma Koloni, xa ndithetha, ibangamadoda odwa abonakalayo kulo msebenzi wenzekayo. Ngaphezukoko abanye abantu bayinxalenye kumabakala ohlukeneyo ekuhlaleni, “abanye abantu bayafikelela kwinto eyenzekayo, abanye bayazigqibela kwelinye icala abazi nto” (Madikida 2004:81).

u*Struggles of the Heart* neminye imizimba yemisebenzi eyayisenziwa nguMadikida ngela xesha yangquzulana nemisebenzi emininzi eyayithetha ngolwaluko. Kwezemfundo uqajisela kwezolwaluko nokufa okuvelayo ngenxa

*Struggles of the Heart* and the body of work presented by Madikida at the time coincided with many works focusing on circumcision. In academia, the spectacularisation of circumcision (and death resulting from it) became a convenient way of rebuking tradition as backward, patriarchal and barbarous.

The line between the insider and outsider was drawn by the influx of artists both white and black who began opening up the debate on circumcision, artists such as Peet Pienaar, Colbert Mashile and Thembinkosi Goniwe began to question the idea of secrecy and tradition. Mashile and Goniwe problematize this collective and individual memory, which is part of their culture by speaking from the inside, whereas Pienaar convolutes the tradition. Pienaar creates his version of what it might be to be on the inside by performing his own circumcision ritual, administered by a female nurse. Whereas Mashile and Goniwe create from the inside, Pienaar creates from a superficially appropriated and imagined inside. The complexities of a culture for an 'outsider' can be misunderstood.

The digital prints of the performance show Madikida chewing a ball of *mielie meal*<sup>6</sup> with his face covered in *imbola*. In creating work for the gallery, the work takes on a new context and meaning, where people are unaware of its original significance. He critically assesses the subject as a violent tradition, however, he remains aware of the limitations that are inherent inside the gallery space. In this sense Madikida asserts agency around what is hidden and what is revealed and controls the insider/outsider dynamic. The male artists mentioned attest to Clifford's notion of "the slippery terrain of interpretation", as expanded in the quote below.

He is gagging on the *mielie meal*, struggling to chew the food and there is the possibility that it might choke him. His work at the time had a predominantly white middle class audience who would not know, for whom they are already questioning South African black traditions.

Whether the search for the secret occurs from within a society or from without, secrecy eludes and dissolves, remaining always on the slippery terrain of interpretation: countless stories of concealment, revelation and initiation are structured by a desire that posits secrets in order to reveal them, imagines an other with a true within. What remains are surfaces, mirrors, doubles – an ethnography of signs without essential content (Clifford 1988:159).

<sup>6</sup> *Mielie meal* is regularly fed to initiates because of their dietary constraints.

yako yenye yendlela ezenze lula ukuba luxulunxwe, lugwexwe lunyejwe njengento yakudala yamadoda kwaye yinto yamaqaba.

Umgca phakathi kwabaphathathi nabaphandle wenziwe luthontelwano lwabo lwezenkcubeko bamhlophe nabantsundu abaqale ngokuvula ingxoxo ngozolwaluko, abantu abafana noPeet Pienaar, Colbert Mashile kunye noThembinkosi Goniwe baqale ngokuyibuzisa le nto yemfihlo kwimveli. uMashile noGoniwe bayenza ingxaki le nto ngoba bona bathethwa ngento abayaziyo, uPienaar kunzima ukuyilandela kuye. uPienaar uzakhela elakhe icala ngokuzibuzisa ukuba kunjani ukuba ngaphakathi kodwa esebenzisa ulwazi lwesiko lwakhe lolwaluko owalufumana kugqirha. Ngokuhamba le ndlela imenza abengumntu wangaphandle kweli siko, into ayifundileyo kumongikazi, omnye umntu owazi kancinci kunomntu oyindoda ngezinto zolwaluko. Ulingcolisile ulwaluko ngokuya esibhedlele adibane nomongikazi. uMashile kunye noGoniwe bathetha ngento abayaziyo yena uPienaar uzakhela elakhe ilizwe lwemifanekiso ngogqondweni. Impixano zamasiko kummi wangaphandle zingaviwa ngendlela engeyiyo.

Imiboniso yomdlalo kaMadikida imbonisa ehlfuna umgubo ubuso buqatywe imbola. Umdlalo wakhe ukhutshwa iyasuswa kubuyona xa esenziwa apho abantu bengazi ukuba ithetha ukuthini. Uwuhlalutya lumba wemveli njenge nto enobundlobongela. Uhlfuna umgubo kwaye kunziwa ukuwuhlfuna kunokwenzeka ingathi angatsarhwa. Ngela xesha umsebenzi wakhe wayebukelwa kakhulu ngamagwangqa angazinto, angayiqondi nakakuhle le nto yemveli yabantsundu baseMzantsi Afrika. Kwesisenzo silula sokuhlfuna lo mgubo kukho impikiswano yokubonisa nokungabonisi. Le mpikiswano ikuye ngokungathethi nelinye ilizwi kodwa ebonisa.

Whether the search for the secret occurs from within a society or from without, secrecy eludes and dissolves, remaining always on the slippery terrain of interpretation: countless stories of concealment, revelation and initiation are structured by a desire that posits secrets in order to reveal them, imagines an other with a true within. What remains are surfaces, mirrors, doubles – an ethnography of signs without essential content (Clifford 1988:159).

Ukuze ususe into kwimfihlo kufuneka uyenze ngobulumko, imfihlo ifuna ukugcinwa kwaye ibanjwe yimbumba ukwazi izohlala ihleli ngehlobo elilo.

Secrets are subject to interpretation, the origin of the secret lie with those that have surely passed away, over time the secret morphs and changes. There are countless ways the subject of secrecy can be obscured when it pertains to rites of passage and rituals. Black people who continue to practice traditional secretive practices are subject to question, they become political tools for those outside of the traditions, and then black people begin vilifying these practices and stop practicing them altogether. Every society holds its own secrets, secrecy is layered, it is complex and can be used against or to preserve ideologies within societies. Secrets can be a divisive and exclusionary tool. Working on the premise that only those who need to know need the information, what use is the information to someone who knows not what to do with it? There is the possibility that a secret does not exist to exclude, it serves those that need the knowledge.

Zininzi indlela lo mba wemfihlo angagcinwa ngawo kwizinto zolwaluko. Isininzi sabantu abenza izinto zemveli eMzantsi Afrika ngabantu bemveli. Kunokwenzeka ukuba abakwazi kufikeleleka kwezolwimi, isini nohlanga ngoko ke babazixhobo zepolitiki kwabo bangaphandle kwezemveli, ngolo hlobo abantu abamnyama bajike banyembe amasiko wabo bayeke nokuwenza bonke. Zonke imbumba zinemfihlo yazo, imfihlo inezinto ezininzi, iyimpixano kwayona kwaye ingasetyenziswa ukulwa okanye ikhusele ingqiqo zalo mbumba. Iyakwazi nokwahlula, ivela kwabo kunyanzelekileyo beyazile nabayidingayo. Yintoni ukwazi kumntu ongayaziyo kwinto ayifundileyo. Inobangela wokuohilakwemfihlo ayikokuqhekezwa okanye ukulahlea abanye ngaphandle kodwa kukwenza umsebenzi wayo kwabo badinga ulwazi ngayo.



Churchill Madikida  
*Struggles of the Heart*, 2003

Churchill Madikida  
*Struggles of the Heart*, 2003

## Chapter Two The transient body

Each time I perform I must ask my ancestors to walk into the performance with me. Not to overpower me, but for us to manifest as one physical being. There is a risk of falling into a trance unwillingly or having the work taken over by my ancestors. In all my performances, I have felt that my body is not something I own or have full and constant control over. For this reason, this chapter takes up the conceptual contradictions embedded in the notion of, firstly, the body as a medium, secondly, the body as a vessel and thirdly, the body as an instrument. The body is regarded as the primary medium in performance art and, in that way, one can begin to think about the implications for subjectivity.

In my practice, there is the double play on the word 'medium'. While the body is regarded as the medium in performance art, it is also used to describe *isangoma* as spirit medium. Since *izangoma* communicate with ancestors, there is the assumption that *izangoma* are in constant communication with people who have passed on. However, ancestors are alive, present and can inhabit my body. It is in this way that I describe the body as a vessel (a point I raised in the first chapter). It is also an instrument through which political assertions can be made. These conceptualisations of the body locate it in a network of racial and gendered relations where violence is implied. In this sense my body is situated amidst numerous colliding social, racial, gendered-political-violence and therefore becomes a complex and multifaceted site of expression.

## Isahluko Sesibini Umzimba Wexeshana

Qho xa ndizokwenza umdlalo wezenkcubeko ndiyazicela izinyanya zam ukuba zihambe nam kumdlalo kodwa zingandongameli, ziziveze ngokuba zibezinye nam. Kukho ingozi yokuya kwela lizwe labo ngokungathandanga okanye bawuthathele kuboumsebenzi. Ndizivile ukuba umzimba wam ayonto yam okanye endinomthetho kuyo phezukwayo. Ngesi sizathu kwesi sahluko ndithetha ngongquzulwano lweengcinga. Into yokuqala ndijonga umzimba njesixhobo sokuthetha, okwesibini njengegobhogobho okokugqibela njengexilongo. Umzimba yeyona nto ibalulekileyo kwezenkcubeko ngalo ndlela omnye angaqala ukujonga iziphumo.

Kumsebenzi wam kukho uphindaphindo kweli gama lithi medium. Njengokuba umzimba enjongwa ngegento yokuphalaza imizwa kwimidlalo yezenkcubeko kwelinye icala usetyenziswa ukuchaza izangoma njengemimoya iqulathe eza neyayo imizwa. Ngokwazi izangoma siyakwazi ukuqhagamshelana zezinyanya, kukho uqikelelo lokuba izangoma soloko zikuqhagamshelano nabantu ababhubhayo. Kodwa ke izinyanya ziyaphila, zikhona kwaye zingawuthatha umzimba wam. Kungenxa yoku ndichaza umzimba njengegobhogobho (into ebendiyiveze kwisahluko sokuqala). Sisixhobo apho ndinokuthi inkolo kwipolitiki ingabekwa khona. Ezi ngqiqo zomzimba ziwubeka apho ezobandlululo nezosini nobundlobongela benzeka khona.

## Re-conceptualizing the body in performance

In the video *uNgenzelephantsi*, I examine the body as medium through a consideration of pain and mortality. In this video piece, I am covered entirely with white chicken feathers that I then pluck off my skin. The use of cold glue to attach the feathers exacerbates the pain felt throughout the performance. The display of the video is such that one sees, in one projected frame, the top half of my body and, in the other frame, the bottom half of my body. The body in this performance is corporeal but more significantly it is represented as a critical site for thinking about race, gender and mortality.

The reason I used white feathers rather than black feathers in my performance is that black chickens are used to rid one of evil spirits while white chickens are used to bring about light and luck. In this way, the body of the chicken is seen as a carrier, a site and a medium through which good or bad forces are transferred. The performance revises and questions the Manichean distinctions based on black and white. As a black woman, I pluck off white feathers. By doing this I aim to destabilize the dichotomies of black as evil and white as light and good luck. I will return to the question of race. I first want to address the positioning of animals in relation to the human body. In my performances, I use a chicken, cow (skulls), and a goat. These animals in my practice as *isangoma* represent ancestors or represent various spiritual forces.

The chicken in the photographic series *iSana libuyele kunina* is significant. It refers to an animal being a substitute for ancestors. In this case the chicken is the substitute, and although it would usually face death as the substitute, it becomes a way to think about death as continuity. In one photograph I am wearing a dress made of *Injeti* standing in the middle of a street with a chicken in hand in Makhaza, Khayelitsha, and in the other, I am walking away from a Pentecostal church with the chicken on my head. The road becomes an important metaphor for continuity but the church represents discontinuity.

The church has been seen as antithetical to *ubuNgoma* and has proffered the idea of being 'born again' not in flesh but in spirit. The body in Christian belief is the very basis of 'man's disgrace' from heaven. In order to reach heaven, a human being must transcend corporeality through actual death or symbolic death. The body and what it consumes is therefore the site for 'evil' titillations (sex, food, intoxicating drink, etc.) These ideas are opposed to indigenous ways of thinking about the body. AmaXhosa, for example, do not regard the body as first and foremost a debasement. While there are beliefs in *uQamatha*,

## Ukunika umzimba ingqiqo entsha kwezemidlalo yezenkcubeko

Kumboniso othi, *Ngenzelephantsi*, ndijonga umzimba njegomyalezeli wemizwa kwintlungu nakukufa. Kulo mboniso bhanyabhanya ndombathiswe ngempiko zembambana endithi ndixhwithe isikhumba sam. Ukusebenzisa kweglu ukuze ndidibanise ezi mpiko zenza le ntlungu ndiyibonisa kumdlalo iqaqambe kwanobom. Kumboniso bhanyabhanya umntu ubona nje umntla womzimba wam kwenye indawo ubona umzantsi womzimba wam. Umzimba kulo mdlalo nguwo nyani, eyona nto ubonisa elinye icala ngokucinga banzi ngohlanga, ngesini kunye nokufa.

Oyena nobangela wokuba ndisebenzise impiko ezimhlophe kunezimnyama, ezimnyama zisetyenziswa ukuba zigxothwe imimoya emdaka, zona ezi zimhlophe zizisa ukukhanya kunye nentlahla. Ngale ndlela umzimba wenkukhu ujongwa ngengomphathi, indawo nomyalezi wemizwa apho ezimdaka nezintle zifakwa khona. Lo mdlalo wezenkcubeko uqhekeza yonke into ibekukungcola okanye ukukhanya kwabamnyama nakwabamhlophe. Njengentombi yomgquba ndixhwitha impiko ezimhlophe. Ngokwenz njalo ndisusa le nto yokuba umnyama kukungcola ubumhlophe kukhanya nentlahla. Ndizobuyela kumbuzo wohlanga. Ndifna kuqala ndibeke lombwa wezilwanyana ekudibaneni nemizimba. Kumdlalo wam, ndisebenzisa inkukhu, intloko yenkomo nebhokhwe. Ezi zilwanyana kumsebenzi wam njengesangoma zibonakalisa izinyanya okanye imimoya eyahlukeneyo.

Inkukhu kumdlalowesithombe, *iSana libuyele kunina* ubalulekile. Ichaza isilwanyana njengomeli wezinyanya. Kule into, inkukhu ngumeli, nokuba ijongana nokufa ngengomeli, iza nenye indlela yokujonga ukufa njengento eqhubekayo. Kwisithombe esinye ndinxibe ilokhwe eyenziwe ngenjeti ndimi esiphakathini sendlela. Ndiphethe inkukhu esandleni, eMakhaza, eKhayelitsha kwelinye icala ndihambe kude necawe iPentecostal ndithwele inkukhu entloko. Indlela iba sisikweko esibalulekileyo kwinkqubela kodwa yona icawe ibonakalisa ukugangatha ndawonye.

Icawe ijongwa ngengendawo ebuchase kakhulu ubuNgoma kwaye ibeke phambili le nto yokuzalwa okutsha hayi ngokwasenyameni kodwa ngokwasemphefumleni. Umzimba kwinkolo yobuKrestu sisiqalo sohlazo somntu esisuka emazulwini. Ukuba umtu ufuna ukufika ezulwini kufuneka kuqala angene kowona mzimba ngokufa okanye ngemboniso zokufa. Umzimba nezinto azityayo uzalekisa ukungcola (ukwabelana ngezesondo, ukutya, ukunxila, njalo njalo). Ezi mgcina zichasene kwindlela zesintu ezicinga ngayo ngomzimba. AmaXhosa awawujongi umzimba njengeqokobhe elingabalulekanga. Kukho iinkolelo kuQamata, ophuma kuthithixo omkhulu welanga, uThixo (Asante,

descendant of the omniscient sun god, *uThixo* (Asante, M.K & Nwadiora, 76), the body does not represent the ‘fall’ but it becomes a way in which ancestors manifest.

This multiplicity can also be seen in work such as *Uncles and Angels* (2012), a 42-minute performance and live stream video installation by Nelisiwe Xaba and Mocke J. van Veuren. The performance piece begins with the sound of chickens and *Mbacanga* music while Xaba tiptoes onto the stage in front of the screen. She walks to and fro to create the effect of multiple bodies (her own body recorded and replayed). As she is tiptoeing, seven replicas appear on screen following her and mimicking her every movement, this occurs throughout the piece. She is dressed in a little girl’s dress that allows the viewer a glimpse of her white underwear, and ballet shoes. As the performance continues she changes her outfit from a drum majorette uniform, a puffy white dress, a traditional Zulu beaded skirt (one worn by Xhosa and the other by Venda girls), khaki’s and lastly a feather-laden outfit.

Nelisiwe Xaba, a ballet dancer refers to the body as a “communicative instrument.” Xaba acts as a storyteller, a critic, and a performer who cunningly explores political, cultural, and sexual issues. *Uncles and Angels* interrogates virginity testing as a way in which the body is violated. Virginity testing is seen as social reproduction of patriarchal relations. Xaba and van Veuren use the Venda *Domba* dance as well as the Swati and Zulu reed dances as themes to reflect on the disregard for individuals where masses of girls are turned into ‘good women’. Xaba plays both the role of a girl and the matron who reinforces tradition. She becomes both perpetrator and victim. Xaba re-enacts snippets of the *Domba* dance, the Zulu reed dance and the Swati reed dance.

Xaba kneels and tucks her feet underneath her bottom, and then walks away only to reappear in a drum majorette outfit while her “troupe” (images of herself) follows her. She continues to transition in and out of the frame, changing in and out of costume. Here, the body is transient. Xaba creates an entire performance piece delivered using carefully chosen parts from the rites



Nelisiwe Xaba and Mocke J Van Veuren  
*Nelisiwe Xaba in Uncles & Angels*, 2013

Nwadiora 2007:76) “umzimba awubonakalisi kuwa kodwa ubayindlela yokuzibonakalisa kwezinyanya”.

Olu phindaphindo lungaphinde lubonakale kumsebenzi ofana *noUncles and Angels* (2012), umdlalo nomboniso bhanyabhanya othatha imizuzu eyi42, wenziwe nguNelisiwe Xaba no Mocke J. van Veuren. Lo mdlalwana uwala ngezandi zeenkukhu noMbhacanga ngeli xesha uXaba echwechwa esiya eqongeni edlula phambi kwesi kirini. Uya phambili aphinde abuye ebonakalisa le nto yemizimba ephindaphindeneyo (umzimba wakhe edlala kumboniso obhanyabhanya). Ngenokuba echwechwa, abalinganisi abasixhenxe bavela kulo mboniso bhanyabhanya besenza ngqo leno ayenzayo, yenzeka de umdlalo ayophela. Unxibe ilokhwe yentombazana eyenza ukuba umbukeli abone into ayinxibe ngaphantsi nezihlangu zebhaleyi. Njengokuba umdlalo eqhubeka umane etshintsha isinxibo. Unxiba ezemajorensi, ilokhwe egcweleyo, isinxibo samaZulu sentsimbi (ziyanxitywa nangamantombazana amaXhosa nawamaVhenda) isinxibo esikaki okokugqibela unxiba isinxibo esenziwe ngentsipho.

uNelisiwe Xaba, umdanisi webhaleyi uthetha ngomzimba njengesixhobo sokuthetha. Uxaba usebenza ngokubalisa abamali, ngokuphicotha nanjengomdlali ojongene nokuthetha ngezopolitiki, ngezamasiko nangezosi. Ku*Uncles and Angels* ugoqagoqana nosiko lokuhlwa njengento ebulala umzimba oyinto yokuzala kwelinye ibhinqa. Uxaba no van Veuren basebenzisa uxhentso obizwangokuba yiVhenda Domba nomxhentso wesiSwati kunyewesiZulu wengcongolo bebonakalisa ukungathathelwa ntweni kwabantu apho amantombazana evela uzokwenziwa amabhinqa alungileyo. Uxaba udlala indima yomfazi omdala onyanzelisa eli siko aphinde adlale nentombi encinci. Ubalixhoba aphinde abengumntu ontlonta ixhoba. Uxaba udlala imidlalwana edityanisiweyo yomxhentso weDomba, umxhntso wesiZulu wengcongolo nomxhentso wesiSwati wengcongolo ukongezelela kule nto ubayintombazana ehlolelwayo aphinde abengumama uhlolelwayo.

uXaba ubalisa ukudlulela ngaphaya ngokubonakalisa amantombazana, uyaguqa aqhusheke inyawo zakhe



Nelisiwe Xaba and Mocke J Van Veuren  
*Nelisiwe Xaba in Uncles & Angels*, 2013

of passage for young women. She invokes the very public nature of the female body. That is, although women's bodies are regarded as belonging to private, domestic spaces they are modeled on very public ideas of what they should be.

At a particular point during the performance Xaba slips a glove onto her hand and brings out a paper full of gold stars, the kind used for children's books. Xaba reduces the ceremonies to a class merit system, which functions to mold children to fit certain hegemonic social structures. Furthermore, she highlights a process of commodification. Her transition from the *Domba* to the two reed dances, which leads up to the virginity test, performs a subjective narrative that examines systems that value and regulate women's bodies. The *VhaVhenda domba* dance<sup>7</sup> has been in existence for centuries and usually takes place at the chief's homestead. This happens during the third and final phase of a young *vhaVhenda* woman's initiation. It is the culmination of the rites of passage that the young women have undergone. The *VhaVhenda domba* dance is said to symbolize the foetus. During their initiation the initiates are taught about motherhood, how to please their husbands sexually, and how women must behave in *VhaVhenda* culture.

Similarly, *Umkhosi woMhlanga* and the Swati reed dance are also exemplary of gendered performance. *Umkhosi woMhlanga* is the Zulu reed dance that takes place at the royal palace in Nongoma, KwaZulu Natal every September. It is the pre-requisite for all the girls who partake to submit to a virginity test before the prophylactic ceremony. The girls choose the longest, straightest and strongest reeds to approach the king. If a reed should bend, then the girl has already been sexually active. This result disqualifies her. The Swati reed dance is similar to *Umkhosi womhlanga* that occurs at the Queen mother's royal homestead where the girls also adorn themselves with beads, sashes and skirts.

By using *Mbaqanga*, Xaba and van Veuren's remind us that although indigenous traditions are important, they also change as the political and socio-economic spheres change. They are transient and malleable. While *Mbaqanga* is seen as

<sup>7</sup> Before the dance is performed the young women and girls rehearse the dance during the year-long initiation process. The young women and girls form a chain using their arms; some anthropologists have named it the snake dance because of the chain created and the temperamental up and down movement of the conjoined arms. The bare-chested and bare-bottomed initiates are led in song by one of the women who were instrumental in their training until they themselves join her and break into song, with only traditional beads covering their pubic region. The movement and song is accompanied by traditional drumming, all of which comes to a standstill once the girls reach the center of the space and lean into the circle they have configured.

ngaphantsi, ahambe kanti uzophinda abonakale enxibe isinxibo sokudlala imajorensi ngoku isithombe sakhe simlandela. Uphuma engena kwifreyimi etshintsha tshintshana nesinxibo. Apha umzima awuthathi xesha lide. Uxaba wenza umdlalo esebenzisa ukuya kwelinye ibakala lwamantombazana. Ubeka indlela owaziwa ngayoumzimba womfazi. Nokuba umzimba womfazi ujongwa ukuba ufanele ukuba kwindawo ezifihlakeleyo, endlini, wenziwa ukuba angajongeka kanjani esidlangaleni.

